URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Keith Lackay**
ICandelo lokuXhasa aMaziko ngeZibonelelo
Keith.Lackay@westerncape.gov.za | 021 467 2327

Inombolo yefayili: 18/2/R
Isalathiso: 20230518-4404

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa aMaziko ngeZibonelelo: 0007/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko beZithili, kuBalawuli beZithili, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela Balawuli beeNkonzo zamaZiko, kuBaphathi beeSekethe nakumagosa eSikim soThutho lwaBafundi kwii-ofisi zezithili

**Isihloko: ISikim soThutho lwaBafundi – ukuhlolwa kwesiqhelo kwendlela ehamba izithuthi zesikim sothutho lwabafundi nezithuthi kwizithili**

1. Ngokomhlathi 11.3.13 weMigaqo yoKusebenza eMiselweyo i-*Standard Operating Procedure (SOP)* yeSikim soThutho lwaBafundi (*LTS*) seSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*), amagosa esikim sothutho lwabafundi kwii-ofisi zezithili kufuneka enze "uhlolo olucwangcisiweyo lwendlela ehamba izithuthi zesikim sothutho lwabafundi nolwezithuthi rhoqo ngenjongo yokuhlola zonke iindlela ezihamba izithuthi zesikim sothutho lwabafundi kwisithili ngexesha elimiselweyo"

2. Phambi kowama-2023, iKomiti yokuHlolwa kweziThuthi yephondo (*Vehicle Inspection Team*) kunye namagosa *e-LTS* achaphazelekayo, benza uhlolo lwesiqhelo lwendlela ehamba izithuthi zesikim sothutho lwabafundi nolwezithuthi. IKomiti yokuHlolwa kweziThuthi yephondo ibiyekisiwe ukususela ngowo-01 Januwari 2023. Ngokungqinelana nomsebenzi wesithili omalunga nokuhlolwa kwezithuthi, amagosa e-*LTS* kwizithili ngoko nangoko, aya kubanomsebenzi oluxanduva lokuhlola kuphela indlela ehamba izithuthi zesikim sothutho lwabafundi nezithuthi kwizithili.

3. Ngenxa yoko amagosa achaphazelekayo e-*LTS* kwizithili kufuneka enze isicwangciso neshedyuli yokuhlola, ejonge ukufikelela kuzo zonke iindlela ezikwisithili ngexesha elimisiweyo, kukhethwe ukuba ubuncinane kube kanye qho ngonyaka.

4. Ukulungiselela ithuba eliseleyo kowama-2023, kufuneka ukuba amagosa e-*LTS* anoxanduva kwisithili, enze amalungiselelo esicwangciso sokuhlolwa kwendlela ehamba izithuthi ezikwisikim sothutho lwabafundi nezithuthi, esebenzisa ithemplethi (isiHlomelo A) yaye makangenise isicwangciso esigqityiweyo esenzelwe ithuba eliseleyo lonyaka wesikolo kumphathi wesithili ukulungiselela ukuba sivunywe ungadlulanga owama-30 Juni 2023. Ikopi yesicwangciso esivunyiweyo mayithunyelwe kuSekela Mlawuli we-*LTS* kwaNdlunkulu nge-imeyili, kwiintsuku ezimbini zokusebenza emva koko.

5. Ukulungiselela iminyaka elandelayo, izicwangciso zokuhlolwa kwendlela ehamba izithuthi ezikwisikim sothutho lwabafundi nezithuthi mazilungiswe kusetyenziswa ithempléthi efanayo yaye kufuneka zingeniswe kumphathi wesithili ochaphazelekayo ukulungiselela ukuvunywa kwazo ungadlulanga owe-15 Januwari kunyaka ochaphazelakyo. Ikopi yesicwangciso esivunyiweyo mayithunyelwe kuSekela Mlawuli we-*LTS* kwaNdlunkulu nge-imeyili, kwiintsuku ezimbini zokusebenza emva koko.

6. Ukuhlolwa kwendlela nezithuthi ze-*LTS* makwenziwe ubukhulu becala kumasango esikolo/ezikolo ezikwindlela ehamba izithuthi zesikim sothutho lwabafundi yaye kufuneka kubandakanywe ukuhlolwa kwezithuthi kwakunye nolawulo lwe-*LTS* esikolweni. IsiXhobo sokuBeka eSweni iNkqubo ye-*LTS (LTS Monitoring Tool)*, esenzelwe injongo yoku kuhlolwa, siqhotyoshelwe apha njengesiHlomelo B, yaye siya kuthatha indawo yenguqulelo/yeenguqulelo zangaphambili.

7. Apho kuyimfuneko, imigama yeendlela ezihamba izithuthi zesikim sothutho lwabafundi neendawo abathathwa kuzo abafundi zingahlolwa yaye zijongisiswe kwakhona.

8. Ingxelo yokuhlolwa kwendlela ehamba izithuthi zesikim sothutho lwabafundi neyezithuthi kufuneka igqitywe ekupheleni kwenyanga nganye kusetyenziswa ithempléthi eqhotyoshelweyo (isiHlomelo C) yaye mayingeniswe kumphathi wesithili ochaphazelekayo lungadlulanga usuku lokusebenza lwesihlanu lwenyanga elandelayo.

9. Abaphathi bezithili abachaphazelekayo kufuneka baqinisekise ukuba iingxelo zokuhlolwa kwezithuthi zilungiswa ngexesha elichanekileyo ngenyanga nganye yaye kuthathwe inyathelo lokulungisa iziphene ekucetyiswa ngazo.

10. Kucelwa wazise okule setyhula onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-MS ABRAHAMS
**USEKELA MLAWULI-JIKELLELE WOCWANGCISO LWEZEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-06-06